

## **ISIBANE SIFUDUKILE**

**2020** sithe sikujonge ngabomvu, singaqhwanyazi,  
Suke wasizela nokufa kodwa Yhini!!  
Suke wagawula umthi ochumileyo  
Wasishiya isizwe sinkenenkene,  
iinduma zikhona nasenqentsu

Bantwana funxani kumthombo wolwazi  
Nathi sifunxile kumthombo wolwazi  
Kambe bambi bafunxiswa phantsi kwemithunzi  
Bambi babbala emadolweni phantsi kwemithunzi  
Obo bubuncwane bokufunxa kumthombo wolwazi

Iimini zibhudla imimoya ziphanda amehlo ethu ngothuli  
Hayi nyanga yeThupha  
Intliziyo zityumkile  
Ingqondo zixinene  
Imiphefumlo idandathekile

Sisisele senyathi esi  
Umakhwekhwetha kwezamayeza  
Umfundisi ntsapho ofikelelekayo  
Hayi umthi womqaqoba

Hamba uyokuphumla Ngwane ozukileyo  
Iinkumbulo zona ziyala ukukukhulula  
kodwa ke ubuya kuhlala unathi phi na ungumntu nje,  
kaloku umntu yinto ehlala ihlale igoduke, ifuduke

Imisebenzi yakho iyakucima kade ezintliziyiweni zethu  
Lisaya kutshona libuye liphume  
Lithi nokuqaqamba liqaqambe okwemini yezolo  
Phumla ngoxolo Njingalwazi!

**Dr Noluntu Dyubhele**